

# NGAPHAYA

## KOMKHUSANE WEXESHA



Ndifuna ukwazisa apha ukuba imithandazo yenu iphendulwe, Imihlangano njengoko sasinayo xa ndandiqala kulungiselelo, kwiminyaka emininzi eyadlulayo. Andizange . . . Sasingakwazi nkqu nokuhlalisa abantu. Kwaye ufumane amabala emidlalo nayo yonke enye into, kwakuyakubakho okwaneleyo phaya ngentsimbi yesithathu, ukuzalisa indawo. Kwakuye kufuneke bavale amasango, bangabavumeli ukuba bangene. Sasingayi kuba lapho de kube yintsimbi yesixhenxe. Yabona? Ngamawaka nje aphuma kuyo yonke indawo. Nje . . .

<sup>2</sup> Kwaye ndithathe ubusuku obuhlanu bokugqibela kwinkonzo yokugqibela, kwaye ndakhele nje malunga neLizwi, ndaqala ukuqonda anjani wona amandla iLizwi lalinawo. Yabona? Ngokuba, iLizwi linguThixo. Yabona? “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo. ULizwi wenziwa inyama, wahlala phakathi kwethu.”

<sup>3</sup> Ngoku, amaHebhere i-4 atsho, ukuba, “Ilizwi likaThixo libukhali ngaphezu kwekrele elintlangothi-mbini.” Yabona? “Ilizwi likaThixo libukhali kune, lihlaba liphumele ethanjeni, kwaye lisike, yaye lingumcaluli weengcinga zengqondo, intliziyo.” Yabona? Oko koko, iLizwi likaThixo.

<sup>4</sup> Ngoku ukuba kukho isipho apho sinokuziphumza; kwaye iLizwi ngokwaLo, elinguKristu, OliLizwi, lingena kuthi, kwaye licalule iingcingane zengqondo, njengoko nibonileyo. Yabona? Kuhle kangakanani. Ngoku, ukubona into Awayenzayo nendlela Awasisikelela ngayo! Kwaye ke i . . .

<sup>5</sup> Oko, ndivakalelwa kukuba, ukwakhela malunga nelo Lizwi ukwenzela ubusuku obune, ndivumele nje abantu bahlale bazokle, kwaye emva koko baphumle, kwaye uMoya oyiNgcwele uyakubiza abantu enze izinto ngaphandle kubaphulaphuli.

<sup>6</sup> Kwaye ngoku, ngobusuku bokugqibela, emva kwemini ngeCawe ephelileyo, Ndabona omnye weyona migca mikhulu yokuphilisa endakha ndayibona eMelika. Yabona? Yayi . . . Ndathumela uBilly ezantsi nekhulu lamakhadi, noGene ngekhulu, kunye noLeo nekhulu, kunye noRoy nekhulu, bakhuphe nje onke amakhadi, malunga namakhulu amahlanu. Kwaye emva kokuba belibonile iLizwi libambelele, nento eLiya kuyenza, emva koko ukuhlala kanye kwelo Lizwi ngoku, ubazise eqongeni. Kwaye ndabona amadoda nabafazi belahla iintonga zabo zokuhamba, nanjalo njalo, kwaye

baphiliswa phambi kokuba bade bafike eqongeni, ukubona nje. Yabona? ILizwi likaThixo lalisele liphumile, laphumela phaya, laZimiliselwa kuloo Miyalezo mihlanu, okanye iMiyalezo emine, ezintliziyweni zabo, bade baLikholelwa ngentliziyo yabo yonke. Ngoko, inye into ekwakufuneka bayenze, kukuba nohlobo oluthile loqhagamshelwano oluncinane, yabona, into eyenye, kwaye yayiyinene. Kwaye ngokukhawuleza nje ukuba bafike kwelo qonga, babeya kuphiliswa kanye apho eqong-...kanye phambi kokuba banqumle eqongeni.

<sup>7</sup> Ndiyakholwa, bazalwana abalapha, nonke niyamazi uMzalwana Ed, uMzalwana Ed Hooper. Ingaba animazi? Nina nivela e-Arkansas, phaya ezantsi? Wadibana...Wayekunye nam kwiinxalenye zokuqala zolungiselelo lokuqala. Wathi, “Oku kwakubonakala ngathi ngamaxesha akudala,” wathi, “xa ngendlela ababeqhele ukwenza ngayo, kwiminyaka eyadlulayo.”

<sup>8</sup> Kwaye kwakukho abantu ababenamathumba awaye—enjalo efana *noko*, babuya, bephilile. Iimfama, izithulu, izimumu, zonke iintlobo zezinto eyazenzayo iNkosi yethu. Kungazange kufuneka kwa ubachukumise abantu. ILizwi liphuma liyenza loo nto.

<sup>9</sup> Yaza iNkosi yandinika uMyalezo endandingathanda ukuwuthetha ebandleni, ngamanye amaxesha, xa ndibuya, ndifumane ithuba. Ndixakeke kakhulu. Ngoku kufuneka ndihambe kwakhona, ngomso, ndilinde le ntombazana ifike. Kwaye naphambi kokuba ndide ndifumane ityesi yam endlwini, kwakukho umntu phaya. Kwaye andizange ndihlale phantsi ukususela ngoko, kunzima. Yabona? Khange ndithethe kwa ukuthetha nosapho lwam oko ndangena. Yabona? Kwaye lu—luxinzelelo ngenene. Kwaye ndimelwe kukucela imithandazo yenu nonke ngenxa yam, kananjalo, ukuze iNkosi indinceda ndibambelele.

<sup>10</sup> Ngoku...[Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Yabona umzalwana wethu apha, ngenene, egula ngenene, elele kulo mandlalo. Kwaye thina... .

<sup>11</sup> Kuza umntu othile, emzuzwini omncinane, ukuba thina, siye eLouisville. Ndifuna ukhumbule umthandazo, kananjalo, inenekazi elihle eliselula, okokuba, alikho malunga neshumi elinesibhozo leminyaka ubudala. Liliwele, kwaye uyintombazana engumKristu esikolweni. Kwaye amanye amantombazana ayethetha ngaye, uyazi, amantombazana amabini, kwaye awaxelele ukuba ayenjani, yeyiphi inxalenye yobomi awayeyiphosile, kwaye kufuneka baphile njani njengamanye amantombazana. Kwaye enye intombazana yayikwazi nje ukuyigqitha. Le enye yayinokuzicingela, kwaye yayiziva kakubi kakhulu ngayo, kwaye yaqhubeka isimka, kwaye yakhukuleka kude emva, kwaye inekhala malunga naloo nto. Kwaze ekugqibeleni yafumana ukuphazamiseka

kwengqondo. Kwaye bona . . . Ikwigumbi labagula ngengqondo. Umama notata wakhe bayeza, kancinane nje, bevela eCrandall, e-Indiana, ukuya kweli ziko apho bayakuzama ukumthumela, eMadison, ngomso.

<sup>12</sup> Ngoku, i—intombazana, akukho kwaphuka emzimbeni wentombazana. Yona . . . Akukho nto, ngokwasemzimbeni. Iphile qete. Kodwa kunzima kakhulu ukuyicacisa. Kwaye ngenene ayinakucaciswa. Into eyiyo, umoya wayo ubhadule. Yabona? Ngoku wena—wena kufuneka uwubambe umoya wayo uwubuyisele endaweni. Yabona? Kukho . . .

<sup>13</sup> Njengokuba, sisandula kugqiba ukuthetha apha, kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo, malunga nendlela esebenza ngayo inkqubo yomntu. Indlela ekukho izimvo ezintlanu ongena ngazo emzimbeni, kwaye ke indlela ezintlanu esinokuzibiza ngazo. Indlela ezintlanu, ezifana ne—nesazela, intelekelelo, nanjalo njalo, singena emphefumleni. Kwaye ke xa ungena emoyeni, kukho indlela enye kuphela, kwaye oko kungokuzithandela, okusekela emva njengokuba umntu wayedaliwe.

<sup>14</sup> UngaYamkela, okanye ungaYiyeka ihambe. Ungamamkela uKristu njengoMsindisi, okanye umeke Yena ahambe. Kwaye usengakuloo Mthi, lowo woBomi nowokufa. Wonke umntu ubekwe phambi kwaloo Mthi, okanye uThixo uya kuba ngongenabulungisa ukubeka omnye phaya, aze angamniki omnye ithuba elilinganayo loku—lokukhetha okulungileyo nokungalunganga. Kwaye ngamnye kuthi unalo elo thuba.

<sup>15</sup> Kwakhona, kuloo nto, umoya, sinokuphiliswa, okanye asinakuphiliswa. Ngoku, akukho ngenxa yokuba akukho . . . ukuba asiphiliswa ngokukaThixo. Siphilisiwe. Kuba umnqophiso awunamiqathango. Kwaye sele eyithengile impiliso yethu. Ngoko ke, impiliso yethu i—ikuthi. Yeyethu. Ngoku, kukuba siyakuyithabatha na *le* ndlela, ukuyikholelwa; okanye *le* ndlela, yokungakholelwa nje kuyo. Ngoku, inye kuphela indlela esinokuhamba ngayo siye kuBukho bukaThixo.

<sup>16</sup> Ngoku, lo mntwana, mhle, umhlobo oyintombazana kamama wakhe. Mna eyam . . . Owu, ibikade ingomnye wabahlobo bam abangamantombazana. Yayilinenekazi elincinane elilungileyo, eliphuma kwikhaya elingqongqo ngenene lamaNazarene, intombazana encinane elungileyo. Kwaye unomyeni othandekayo. Ndiyamazi, kananjalo, ngenene kakuhle, inkwenkwe eyamtshatayo. Kwaye yena nje kancinane . . . Babakhulisa abo bantwana ukuze bakhonze iNkosi, baze babafake esikolweni. Kwaye babezinzisiwe ngenene kuKristu, ukuba bangazenzi izinto ezingalunganga. Kodwa nantso yaya.

<sup>17</sup> Ekuphazamisekeni nje, njengokuba ndi . . . ndijonge kwimizuzu embalwa edlulileyo, ndaza ndajonga emva kwinkwenkwana encinci, eyayinaloo nto inye,

ngokuchanekileyo. Kwaye kwi. . . Sehla saya phaya ngobunye ubusuku, kwaMzalwana uWright, kwaye u-Orville nje waye—nje esekuphazamisekeni okupheleleyo. Kwaye yena, uyazi, xa ebeya kuzama ukundigxotha endlwini; njengomhlobo olungileyo njengokuba mna no-Orville sinjalo, kanye njengokuba ndingaba nguyise. Ndatshatisa uyise nonina, kunye. Kwaye wayevele axhume kwaye akhale, “Phuma apha! Phuma apha! Phuma apha!” Yabona?

<sup>18</sup> Ngoku, into ekwakufuneka siyenze phaya yayikukuphuma siye kumgca womoya kwaye sibambe umoya waloo nkwenkwe. Yabona? Intlungu eninzi yayifike entliziyweni yayo encinci. Umncinci, kwaye ubone okuninzi. Waze wambuyisela kanye kwindawo ebekufanele ukuba kuyo. Uyabona? Kwiintsuku ezimbalwa, yayi—yayilungile.

<sup>19</sup> Ngoku, yiloo nto inye ekufuneka uyenzile kule nto. Ndiyibonile, kwaye ndiyazi ukuba iyinyani. Kodwa ngoku, nje. . . Ndi—ndiyanicela nonke ngoku, ukuba nithandaze, ukuba—ukuba uThixo angandinceda ndifumane le ntombazana incinci. Phandle kwindawo, apho ingaziyo ukuba iphi na, emva koko ndiyibuyisele endaweni yayo. Loo ndlela iza ngokholo. Yabona, ayinakuba nalo ukholo ukwenzela isiqu sayo. Ayazi apho ikhoyo, okanye nantoni na. Yabona? I—imelwe kukuthatha ukholo lwethu apha.

<sup>20</sup> Kwaye ngoku, kokuya, loo mandla ovuko lukaKristu, athe Wasinika ithuba. Kulapho, wena, ngandlela ithile, iLizwi likaThixo lihlaba umoni. Kwaye Limelwe kukuya ngaphaya kokushunyayelwa kweLizwi eliphumayo. Naso isizathu sokuba ndifune ukuthetha kancinane ngale ntsasa phambi kokuba ndithandazele abagulayo. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

<sup>21</sup> Uyawukhumbula umbono, kungekudala, iNkosi yandinika, uyazi, malunga nokubona elinye iCala? Uyakhumbula ngalaa ntsasa xa ndandingqina ngokubona elinye iCala? Ke, yayiyinyani leyo.

<sup>22</sup> Kwaye *Izwi* Lamadoda Angosomashishini beVangeli Egweleyo yayilipapashile elo nqaku, laze labeka umfanekiso emva kwephepha apha. Kwaye ibe nokufakelwa okuncinane apha ezantsi, indawana encinci apha ezantsi, ithetha ngolungiselelo. Nto leyo, eli liphepha lamazwe ngamazwe elishicilelwe ngeelwimi ezininzi ezahlukeneyo. Kwaye banikezela iphepha elingaphambili, kunye nelokuqala, kulo mbono. Yabona?

<sup>23</sup> Ndaze ndazifumana apha phezulu, kwaye ndinqwenela ukuba ubunokuchola ibe nye, kwaye ungayifunda. Kwaye vuka. . . Bendingazi ukuba bangaphi na abazakuba sezantsi, abazalwana, ngale ntsasa. Kwaye wena, ngoko, ukuba kunokwenzeka ukuba usilele enye, kuhle, vele uye e-ofisini. Banazo phaya e-ofisini. Kwaye basivumela ukuba sibe neqela

layo, malunga: “Qhubeka ucinezela.” Yabona? Kwaye kuko konke oko kusentliziweni yam. Konke endinokuva, kukuba, “Qhubeka ucinezela.” Nje ngaphesheya ko—komlambo kukho u—uMhlaba ongcono. Kwaye masiqhubeke sicinezela side sihlangane nalaMhlaba.

<sup>24</sup> Ngoku, ndiyacinga ukuba banako apha ukusikelelwa komncinane kaMzalwana Stricker kunye noDade Stricker. Lo nto . . .

<sup>25</sup> Bangaphi ngoku, Dade Stricker? [UDade Stricker uthi, “Ntandathu.”—Mhl.] Abafo abathandathu. Lusapho oluncinci oluthandekayo.

<sup>26</sup> Kwaye ke ba . . . yayingamamishinari ethu ngaphaya e—e-Afrika, kutshanje, ukubuyela emva. Kwaye bonke abantwana babo bangabantu abahle abancinci. Kwaye ndiyambona lo unjalo, kananjalo, njengokuba beyizisa ngale ntsasa ukulungiselela inkonzo yonikezelo.

<sup>27</sup> Uphi uTeddy? Teddy, ungeza apha kwipiyano, umzuzu nje, nyana? Kwaye—kwaye masibe neculo lethu, iculo elincinane, uyazi, ela culo lincinane, ndiyakholwa, siyalicula, *Baziseni Ngaphakathi*. Ingaba oko kulungile? “Baziseni ngaphakathi ukusuka emasimini esono.”

<sup>28</sup> Kwaye naso, isizathu sokuba sidlale oku, ngokuba thina, ngako konke esinako, abazali, kukubazisa ukuze banikezelwe. Sibanikezela eNkosini kwaye sibazisa ngaphakathi ngelixa beseziintsana, ukuze bangaphambuki baye kuloo mhlaba wesono. *Baziseni*. Makhe nje . . . Ingaba uyalazi, Teddy? Masicule umqolo ubemnye ngayo ngoku.

Baziseni ngaphakathi, baziseni ngaphakathi,  
Baziseni ngaphakathi ukusuka kumasimi  
esono;  
Baziseni . . .

Ukuba kukho omnye, kutheni, mzise nje kanye.

Zisani abancinane kuYesu.

Baziseni ngaphakathi, baziseni ngaphakathi,  
Bazise ngaphakathi ukusuka kumasimi esono;  
Baziseni ngaphakathi, baziseni ngaphakathi,  
Zisani abo babhadulayo kuYesu.

<sup>29</sup> Mzalwana uStricker kunye noDade Stricker, ndiyaqonda ukuba niyakwazi okuthethwa lela culo, uku “bazisa ngaphakathi,” umnqweno ovuthayo usentliziweni yenu, ukuzama ukuzisa abalahlekileyo kuYesu. Usana lwenu oluncinane, ukuba beluyakufa ngaphambi kokuba lunikezelwe, okanye yintoni enye, lusindisiwe, nakanjani na, ngokuba iGazi likaYesu Kristu layenza loo nto eKalvari. Kodwa kwisikhumbuzo sohambo Lwakhe olukhulu lwasemhlabeni, xa Wabeka izandla Zakhe phezu kwabancinane waze

wathi, “Bavumeleni beze kuM,” yilonto uzisa usana ngale ntsasa. Kwaye ubeka intembelo kuthi, ukuba siyakubanako ukuthandaza umthandazo wokholo, ukwenzela omncinane, ekunikeleni ubomi bakhe kuThixo.

<sup>30</sup> Ngubani igama lakhe? [Utata uthi, “UMarilyn Madge Stricker.”—Mhl.] UMarilyn Madge, uMarilyn Madge Stricker. Mngakanani ubudala bakhe? [UMama uthi, “Iinyanga ezilishumi elinesithathu.”] Iinyanga ezilishumi elinesithathu. Wazalelwa e-Afrika, akunjalo? [“Ewe.”] Ke, kwanga, ukuba kukho ingomso, wanga lo mncinane angaba ngumishinari ngaphaya, emadlelweni apho wazalelwa khona. Kwaye o—omhle umntwana omncinci. Ungaza, Mzalwana Neville?

<sup>31</sup> Kwaye, uMarilyn. Owu, bethu! Ndihlala ndibathanda aba bafo bancinci. Ingaba asingomfo omhle lo? Unjani ngempilo? Unjani ngempilo? Masithobe iintloko zethu. Ndifuna wena, beka izandla zakho kuye.

<sup>32</sup> Bawo wethu waseZulwini, sizisa kuWe uMarilyn Madge Stricker omncinane, lo mntwana mncinane uthandekayo wazalelwa emasimini obumishinari, xa idabi lalihamba nzima. Ndiyathandaza ukuba Uyakumsikelela lo mntwana. EBhayibhileni bazisa kuWe abancinane abanjalo. Wabeka izandla Zakho phezu kwabo wabasikelela, wathi, “Bavumeleni abantwana beze kum, ningabaleli bona; kuba uBukumkani beZulu bubo banjalo.”

<sup>33</sup> Umama notata bambeka ezingalweni zethu, namhlanje. Thina, ngokholo, sinyuka izinyuko, ngaphesheya, simbeka ezingalweni Zakho, ngokholo. Busikelele ubomi bakhe. Mnike ubomi obude, Nkosi. Wanga angaba ngumntwana kaThixo. Wanga angaKukhonza ngabo bonke ubomi bakhe, wonke umthambo kwisihlunu sakhe, abe sisicaka sikaKristu. Siphe oko, Bawo. Sikelela uyise nonina, abantakwabo noodade wabo abancinci. Banga bangakhula, kananjalo, babe lusapho oluzukileyo enkonzweni kaThixo.

<sup>34</sup> Bawo, sinikeza uMarilyn Madge omncinane kuWe, eGameni likaYesu Kristu, ukwenzela ubomi benkonzo. Msikelele, noyise, nonina, nezithandwa zakhe. Kwaye banga bangaphila ixesha elide, ubomi obonwabileyo enkonzweni Yakho. EGameni likaYesu. Amen.

<sup>35</sup> UThixo akusikelele, Mzalwana Stricker. UThixo akusikelele. Iintsikelelo kwinenekazi elincinci elilungileyo.

Enkosi, Teddy, nkwenkwe.

<sup>36</sup> Ndiyabathanda abantwana abancinci. Anibathandi?

<sup>37</sup> Bangaphi abangazange bawuve umbono endiwunikwe yiNkosi? Masibone izandla zenu phezulu, abangazange. Mzalwana Neville, unayo incwadi yakho encinane apho, mhlawumbi, mhlawumbi ungabafundela kanye

apha, okomzuzwana nje okanye emibini elandelayo. Ndiyayikholelwa . . . Kanye apha, ukuba uyathanda.

<sup>38</sup> [UMzalwana uNeville ufunda ukususela ngoFebruwari, 1961 *Izwi Lamadoda Angoosomashishini Evangelu Egcweleyo—Mhl.*]

[Ngenye intsasa ndandingqengqe ebhedini yam. Ndandisandokuvuka ebuthongweni, ndaza ndabeka izandla emva kwentloko ndaphumlisa intloko yam phezu komqamelo. Emva koko ndaqala ukumangala ukuba kuzakuba njani kweliya iCala. Ndaqonda ukuba ndiphile ngaphezu kwesiqingatha sobomi bam ukuba ndiphila ukuze ndibe mdala njengabantu bakowethu, kwaye ndandifuna ukwenzela uYehova ngakumbi ngaphambi kokuba ndibushiye obu bomi.]

[Ndava iZwi lisithi: “Usaqala nje! Cinezela idabi! Qhubeka ucinezela!” Njengoko ndandilele phaya ndicamngca amazwi, ndacinga ukuba ndandicinge ukuba ndive iZwi. Kwakhona iZwi lathi: “Cinezela idabi! Qhubeka uhamba! Qhubeka uhamba!” Futhi ndingekakholelwa, ndacinga ukuba mhlawumbi ndiwathethile ngokwam loo mazwi. Ndabeka imilebe yam phakathi kwamazinyo ndabeka isandla emlonyeni ndamamela. IZwi laphinda lathetha: “Qhubeka nje ucinezela! Ukuba ubusazi ukuba yintoni na esekupheleni kwendlela!” Ndabonakala ndisiva umculo kunye namagama engoma endala, eqhelekileyo:]

[Ndikhumbula ekhaya kwaye ndimatshekile, kwaye ndifuna ukubona uYesu,]

[Ndingathanda ukuva ezo ntsimbi zasezibukweni zikhala,]

[Ibiya kuyiqaqambisa indlela yam ize ilugxothe lonke uloyiko;]

[Nkosi, ndivumele ndijonge ngaphaya komkhusane wexesha.]

[Emva koko iZwi labuza: “Ingaba ungathanda ukubona nje ngaphaya komkhusane?” Ndaphendula: “Ingandanceda kakhulu!”]

[Okwenzekileyo andinakutsho. Nokuba bendisemzimbeni nokuba bendingaphandle, nokuba ibikukuguqulelwa kusini na, Andazi, kodwa yayingafani nawo nawuphi na umbono endakha ndawubona. Bendiyibona lendawo ndisiwe kuyo kwaye ndizibona ndingqengqe apha phezu kwebhedi yam. Ndathi: “Yinto engaqhelekanga le!”]

[Kwakukho inani elikhulu labantu kwaye beza bebaleka ukuza kundibulisa, bekhwaza: “Owu, mzalwana wethu oxabisekileyo!” Kwaqala kwafika abasetyhini abancinci, ngokucacileyo bakwiminyaka yasebutsheni

yamashumi amabini, kwaye njengoko babeyakundiwola bathi: “Mzalwana wethu oxabisekileyo!” Amadodana, ekubengezeleni kobutsha, Amehlo abengezela njengeenkwenkwezi kubusuku obumnyama, benamazinyo amhlophe okweperile, andiwola, esithi, “Mzalwana wethu oxabisekileyo.”]

[Emva koko ndaqaphela ukuba nam, ngokwam, ndiye ndabamtsha kwakhona. Ndaye ndazijonga apho ndajika ndajonga emva umzimba wam omdala ulele ebhedini ndibeke izandla zam emva kwentloko. Ndathi: “Andiyiqondi le nto!”]

[Njengoko ndandiqala ukuzama ukuqonda indawo endandikuyo, Ndaqala ndaqonda ukuba akukho zolo nangomso phaya. Akukho mntu wayebonakala ediniwe. Njengoko inkitha yabona bafazi bahle kakhulu endakha ndababona bolulela iingalo zabo kum, Ndafumanisa ukuba kukho uthando olukhulu kuphela olwalundongamele kwaye akukho mtsalane wasemzimbeni njengasekuziphatheni komntu. Ndaqaphela aba bafazi baselula benxibe iinwele zabo ukuya esinqeni yaye iziketi zabo zisihla zaya ezinyaweni zabo.]

[Emva koku, uHope, inkosikazi yam yokuqala, wandanga, wathi: “Mzalwana wam oxabisekileyo!” Emva koko omnye umfazi osemntsha wandanga wajika uHope wamanga lo mfazi usemtsha. Ndathi: “Andiyiqondi le nto. Le yinto eyahlukileyo ngokupheleleyo kuthando lwethu lobuntu. Andifuni kubuyela kulaa mzimba mdala ebhedini.”]

[Laza ilizwi lathetha nam: “Yile nto washumayela ngayo ukuba uMoya oyiNgcwele uyiyo! Olu luthando olugqibeleleyo. Akukho nto inokungena Apha ngaphandle kwayo!”]

[Emva koko ndathathwa ndahlaliswa endaweni ephakamileyo. Konke okwakundijikelezile yayiyinkitha yamadoda nabafazi entlahleni yobutsha. Babekhwaza ngovuyo: “Owu, umzalwana wethu oxabisekileyo, sivuya kakhulu ukukubona ulapha!” Ndacinga: “Andiphuphi, kuba ndiyababona aba bantu kwaye ndiyawubona umzimba wam ulele emva phaya ebhedini.”]

[IZwi lathetha nam: “Uyazi ukuba kubhaliwe eBhayibhileni ukuba abaprofeti bahlanganiswa nabantu babo.” Ndathi: “Ewe ndiyakukhumbula oko eZibhalweni, kodwa akukho ooBranham aba bangaka.” IZwi laphendula: “Aba asingabo ooBranham. Aba ngabaguqulwa bakho, abo wabakhokelela eNkosini. Abanye baba bafazi ocinga ukuba babebatsha kakhulu yaye bebahle babeneminyaka engaphezu kwamashumi



alithoba ubudala xa wawubakhokelela eNkosini. Akumangalisi ukuba bayakhwaza, ‘Mzalwana wethu oxabisekileyo!’” Emva koko sankqangaza isihlewele kunye: “Ukuba ubungathanga uhambe neVangeli, ngesingekho apha!”]

[Ndabuza: “Owu, uphi uYesu? Ndifuna ukumbona Yena!” Abantu baphendula bathi: “Ungaphezulu nje kancinci. Ngenye imini Uyakuza kuwe. Wathunywa njengomkhokeli, kwaye xana uThixo efika, Uyakukugweba ngokwemfundiso yakho.” Ndabuza: “Ingaba uPawulos noPetros bamelwe kukuma kulo mgebebo nabo?” Impendulo yayingu: “Ewe!” Ndathi, “Ndishumayele oko bakushumayeleyo. Andizange ndiphambuke kuYo ndiye kwelinye icala okanye kwelinye. Apho babhaptiza khona eGameni likaYesu, ndenjenjalo nam; apho bafundisa uBhaptizo kuMoya oyiNgcwele, nam ndenjenjalo. Nantoni na abayifundisileyo, ndayifundisa, kananjalo.”]

[“Siyakwazi oko,” bakhwaza abantu, “kwaye siyazi ukuba ngelinye ixesha siya kubuyela emhlabeni kunye nawe. UYesu uzakuza akugwebe ngokwelizwi olishumayeleyo kuthi. Emva koko uya kusinikezela kuYe, kwaye sonke kunye siya kubuyela emhlabeni ukuze siphile ngonaphakade.” Ndabuza: “Ingaba kufuneka ndibuyele emhlabeni, ngoku?” Baphendula bathi: “Ewe, kodwa qhubeka ucinezela!”]

[Njengoko ndandiqala ukusuka kuloo ndawo intle, yovuyo, kangankuba amehlo am ayenakho ukubona, abantu babesiza kum bendanga, bekhwaza: “Mzalwana wethu oxabisekileyo!”]

[Kwangoko ndaphinda ndabuyela ebhedini kwakhona. Ndathi: “Owu, Thixo, ndincele! Ungaze undivumele ndenzelele ngeLizwi. Mandihlale ngqo eLizwini. Andikhathali nokuba wenza ntoni na omnye umntu, Nkosi, mandiqhubeke ndiye kulaa ndawo intle, yovuyo!”]

[Ndeyiseke ngakumbi kunangaphambili ebomini bam ukuba kuya kuthatha uthando olugqibeleleyo ukungena kuloo ndawo. Kwakungekho mona, kungekho kudinwa, kungekho kugula, kungekho kwaluphala, kungekho kufa. Kuphela ubuhle obuphezulu kunye novuyo!]

[Nantoni na oyenzayo, yibeke ecaleni yonke enye into ude ufumane uthando olugqibeleleyo! Fika apho unokuthanda wonke umntu, nkqu nalo lonke utshaba. Nokuba inqwelomoya iyadlikidla, umbane uyadanyaza, okanye imipu yotshaba iphezu kwakho, ezi zinto azinamsebenzi: fumana uthando olugqibeleleyo!]

[Ukuba awusindiswanga, yamkela uYesu Kristu njengoMsindisi wakho ngoku! Ukuba ubungabhaptizwanga emanzini, bhaptizwa ngoku! Ukuba ubungekalufumani ubhaptizo kuMoya oyiNgcwele, lwamkele ngoku! Cinezela kolwa thando lugqibeleleyo luyakusa kwindawo entle neyonwabisayo ngaphaya komkhusane wexesha!]

<sup>39</sup> Enkosi, Mzalwana, ngaloo nto. Yiloo nto...Ndacinga, mhlawumbi, abanye benu bayakufumana ukuyifunda. Kwaye ukuba awunayo incwadana encinane, kutheni, ungayifumana.

<sup>40</sup> Emva koko kwi, kanye emazantsi ephepha, wenze isihlomelo esincinane esithetha ngolungiselelo phaya. Andazi nokuba uyiqaphele na okanye hayi, kanye ezantsi, emva kokuba uyifundile loo nto. Ekunene ezantsi, into encinci efakelweyo ezantsi. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

<sup>41</sup> Ngoku, oko kuya phantse kuzo zonke iilwimi eziphantsi kwamazulu, uyabona, uku—ukufundwa kwihlabathi jikelele.

<sup>42</sup> Ngoku, “Intoni—intoni...” ke, uthi, “ubuyakuthini okuya, Mzalwana Branham, phambi kokuba uthandazele abagulayo?”

<sup>43</sup> Kungenxa yoku: ukuze sazi ukuba imizamo yethu ayilolize. Yabona? Simele sisondele kuThixo ngelo jelo lothando nokholo. Ukholo lusisa kwijelo. Uthando lulo olusingenisayo. (Uxolo.) [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

<sup>44</sup> Ngoku, ucinga ukuba uThixo ubeya...Ngoku makhe... Ngoku, ukholo lwakho lufikelela kwindawo ngoku, uyacinga ukuba...? Ubuya kucinga ntoni ngoku ukuba yonke imizamo yokuba...lo mnquba kunye nala maqela abantu alapha athe abeka, ukwenzela uBukumkani bukaThixo? Baninzi apha abancitshe abantwana benu, ukwenzela uBukumkani bukaThixo. Baninzi apha abaqhubeke bengenazimpahla, besenzela uBukumkani bukaThixo. Baninzi abaye baqhuba kwizaqhwithi, kwaye bahamba bengenazihlangu ezinyaweni zabo, ukuya kufika emnqubeni apha, injalo loo nto, ukwenzela uBukumkani bukaThixo.

<sup>45</sup> Ungafana ucinge umzobi ezoba umfanekiso obalaseleyo, omhle, de ubalasele, kwaye emva koko awukrazule? Kuya kubakho into engalunganga ngomzobi. Ungafane ucinge ukuba umqambi abhale ingoma ide ibalasele, aze emva koko asuke akrazule owakhe—owakhe umculo? Bekuya kubakho into engalunganga ngomqambi. Yabona? Akukho nto ingalunganga ngoThixo. UThixo akenzi into enje, ukuze nje asuke ayikrazule ayilahle kude. Yenzelwe uBukumkani Bakhe. Yenzelwe uBuqaqawuli Bakhe.

<sup>46</sup> Ngamnye wethu udlala indima kulo mfanekiso nakule ngoma. Siyinxalenye yoBukumkani bukaThixo. Kwaye oko kukuthi, okokuba sinokudlala iindawo zethu, okoko nje siqonda apho sikhoyo ngokwendawo, indawo yethu kule ndawo, emva

koko sihlale kanye kuloo ndawo. Kwaye inye indawo esiyaziyo, ikuthando, kuba yiloo nto eyenza umfanekiso.

<sup>47</sup> Ngoku, kunzima xa ubona le mibono inje, nezinto, ukuqonda ukuba yintoni e—yintoni ekwelinye iCala. Akwaba bendisazi. Indoda yenza esi sihlomelo sincinane phaya ezantsi, ukutsho ukuba abaprofeti bakudala, indlela ababeyibona ngayo le mibono, nanjalo njalo, nendlela loo nto, namhlanje, nangaphaya nkqu intoni. . .Asinakuyiqonda, kodwa iNkosi isivumele ukuba sicinezele singene kuloo nto kwaye sibone ukuba yintoni na leyo.

<sup>48</sup> Ngoku, zihlobo, bendinglelanga. Kwaye mna, phakathi kwam nani nje, kunye neli bandla lilapha, bendingekho embonweni. Ndiyawazi into oyiyo umbono. Abanye apha, kule veiki iphelileyo nje, abanye, ibide kangangamashumi amathathu amatyeli, ngobusuku, ibiyakwenzeka. Ungabuthlekelela ubunzima obuphezu kwakho. Ikwenza ube novalo, kunjalo.

<sup>49</sup> Kungathini ukuba ubuye kumhlangano ulolo hlobo, kunye noxanduva nje, ukuba umhlangano uhambe kakuhle okanye hayi, ibikuwe, nje—nje uxanduva? Kufuneka uphendule umlungiseleli ngamnye, umbuzo ngamnye, yonke into nganye. Umhlangano uhamba kakuhle okanye hayi, ibeka uxanduva kuwe, wedwa. Jonga ukuba oko kuyakwenza ntoni kuwe.

<sup>50</sup> Kwaye kukho abanye babalingane bam, ngokulula nje bathengisa iincwadi, njalo njalo, babanovalelo kakhulu, kuya kufuneka bagoduke, yabona, bangqengqe, bangezi enkonzweni ngobo busuku. Bethu! Owu, imbi nje kakhulu. Njengomolokazana wam, intombazana encinane ethandekayo engumKristu, uLoyce. Nje—nje ngokungena nje emhlanganweni, nje ngokunjalo. . .Kangangeeveki ezisibhozo, okanye iiveki ezisixhenxe, rhoqo ngolo hlobo, kwanyanzeleka ukuba angqengqe nje usuku okanye ezimbini, yabona, kungekho xanduva. Yabona? UBilly, nje ukunikeza amakhadi okuthandazelwa ambalwa, kwaye akrazuke nje abe ziingceba.

<sup>51</sup> Kodwa, yabona, bonke ubunzima buphezu kwam. Kufuneka ndixhomekeke kuni ukuba nindithandazele. Yabona? Ngaphandle koko, babanga ukuba—ukuba imizuya engamashumi amabini—entshumayelo, phantsi kwempemfulelo, ithlekiswa neeyure ezisibhozo zomsebenzi onzima, emzimbeni wakho. Ndishumayela iiyure ezimbini ukuya kwezintathu ngobusuku; ngamanye amaxesha kathathu ngemini. Yabona?

<sup>52</sup> Kwaye ke kuthekani ngombono omnye? Umbono omnye wenza ukuba iNkosi yethu uYesu ibe buthathaka. Injalo lo nto. IBhayibhile yathi umfazi wachukumisa ingubo Yakhe, waMenza ukuba abe buthathaka. Ke, ukuba umbono omnye uyakumenza buthathaka, Yena, uNyana kaThixo; uthini ngam, umoni osindiswe ngobabalo, angenza ntoni amashumi amathathu ayo ngobusuku obunye? Yabona? Iyi. . .Ukuba besinokuma nje sicinge, kungaphaya kwakhe nawuphi na

umntu. Umzimba womntu awukwazi ukuyimela loo nto. Bendiya kuba kwiziko lempambano ndaweni ithile, ndibethekisa intloko yam emadongeni. Yabona? Yiyo—bubuthathaka obunjalo ongenakukwazi. . . Bubuthathaka bangaphakathi, yabona, obukubulalayo nje.

<sup>53</sup> Ngoku, kodwa ungacinezela ntoni ngoko? Ndingathetha oku. Ndibona uMzalwana noDade uCox, phaya, uRodney nenkosikazi yakhe, nodade, apha, abasuka phaya emva, abaguqukayo abatsha. Kukho iLizwe, ngaphandle nje ndaweni ithile, onokuthi ukuba unokucinga nje engqondweni yakho kwaye ube nombono waLo, Yeyona nto izukileyo. Kuwufanele wonke umgudu esiwenzayo. Yabona?

<sup>54</sup> Ngoku, phambi kokuthandazela abagulayo, ndinokutsho oku:

<sup>55</sup> Kungathini ukuba usana oluncinci, ngaphambi kokuba luzalwe, masithabathe oko, usana oluncinane oluhlale esibelekweni sikanina, kwezi nyanga zisithoba, kwaye olo sana luncinane lunokucinga? Belunokuthi, “Uyazi intoni? Bandixelela ukuba ndilungiselela ukuzalwa. Ke, ndiza kwenza ntoni phandle phaya? Andazi nto ngaphandle kwale ndawo ndihlala kuyo. Ndiwafumana ngaphakathi amandla am. Kwaye ndiza kuziphilisa njani phaya? Bandixelela ukuba kukho ilanga elikhanyayo. Bandixelela ukuba abantu balapho bayajikeleza. Kwaye akukho nto ndiyaziyo ngaphandle kwale ndawo ilapha. Oku kuko konke endikwaziyo, kanye apha kwi—kwisibelego sikamama. Apha kulapho ndangeniswa khona. Nantsi into endiyaziyo, kulapha esibelekweni. Kwaye bandixelela ukuba kukho indawo eyaneleyo ngokuphindeneyo!”

<sup>56</sup> Ke, olwa sana luncinane beluyakoyika kakhulu, ukuzalwa. Ingaba oko kunjalo? Beluyakoyika kakhulu, kuba liza kwindawo elingazi nto ngayo, eyona iphakamileyo, izigidi eziphindeneyo ukuphakama, kunalapho belihlala khona. Belingayi kuyazi ukuba yonke imalunga nantoni na, beliyakuthi, “Njani, ndiza kwenza ntoni?” Beliya koyika kakhulu, ukuzalwa, kodwa thina sihlala phandle apha, ke, thina sasisemva phaya ngaxesha lithile, sasingenakubuyela phaya emva, besingayi kufuna ukubuyela esibelekweni sikamama kwakhona. Yabona? Hayi, besingayi kufuna ukwenza oko.

<sup>57</sup> Kwaye yiloo ndlela kanye xa sisifa, sihlobo. Owu Thixo! Yabona? Uzalelwa eNdaweni. Awuzange ube Phaya. AwunakuYiqonda, indlela enkulu ngaYo. “Indlela—indlela ezakuba Phaya ngayo? Ndi. . .” Kwaye inye kuphela into endenza ndiqonde, okanye uqonde, kokwakuchukumisa okuncinci koBomi, njengokuba umoya ungena kusana esizalweni sikamama. Yabona? Kuphela kwendlela esinokuqonda ngayo ukuba yintoni na loo Mhlaba mkhulu phaya ngaphesheya, xa kungekho kugula, kungekho lusizi,

kungekho kufa, kungekho kwaluphala, kungekho nto. Owu, bethu!

<sup>58</sup> Kutheni, xa ukhe wafika ngaPhaya, awungekhe ufune ukubuyela kwindawo enje, kungekho ngaphezulu kunosana lunokufuna ukubuyela emva esibelekweni sikanina. Yabona? Inkulu kakhulu kwelinye iCala, yabona, Phaya phandle. AsinakuYiqonda, ngokuqinisekileyo akunjalo, asinakukwazi. Kuba, indlela olwa sana luncinane lungaphaya nakokuphi ukucinga, ngoko singaphaya nakuphi ukuqonda kokuba kuyakuba yintoni na ngaphandle Phaya, yabona, ngokuba sisesizalweni somhlaba, silungele ukuzalwa ngelinye ixesha, kuBukumkani obutsha, kwiLizwe elitsha.

<sup>59</sup> Yiloo ndlela endiziva ngayo ngaloo mibono nezinto ezinjalo, okanye ukuba kwenzeka nantoni na kum ngala mini xa ndawela, nje kwelinye kumphandle, nokubona ukuba yayiyintoni na Okuya, ndaze ndabuyela emva apha.

<sup>60</sup> Ingaba unokucinga ukuba ulusana kwaye—kwaye waba no—nokwazi yintoni, kuzuke kangakanani ukuhamba hamba, ubone imithi idubula, iintaka zicula, ilanga likhanya, kunye nobomi obunje, kwaye ke kufuneke uvalelwe esibelekweni? Kutheni, ubungayi kufuna kubuyela emva, konke konke.

<sup>61</sup> Ke, ngoko, okwethu—okwethu ukucinga kuya kuba ndindisholo, phezulu ecaleni, okanye sizame ukucinga ukuba yintoni ngaPhaya. Xa, iSibhalo sisithi, “Iliso alibonanga, indlebe ayivanga, okanye nokuba kwakhe kwangena entliziyweni yomntu oko uThixo abagcinele kona, abo baMthandayo.” Yabona? Ke siyazi ukuba kuzukile kwelinye iCala. Ngenye imini, ukufa, oko sikubiza kukufa, kuya kusinika uZalo olutsha, kwaye siyakungena kwelinye iHlabathi, kwelinye iCala.

<sup>62</sup> Mzalwana uGeorge, awusayi kuba mdala, ukhubazeke, ngaPhaya. Kwaye uMzalwana noDade Spencer, nabanye abafana nabanye bethu badala, nanjalo njalo, kwaye siyakuhlala sibatsha apho ngonaphakade.

Lona mdal'...le ngubo yenyama ndiya  
kuyilahla, ndivuke  
Kwaye ndithabathe umvuzo ongunaphakade,  
Kwaye ndikhwaze, ngelixa ndidlula emoyeni,  
“Ndlela-ntle, ndlela-ntle, iyure emnandi  
yomthandazo!”

<sup>63</sup> Kuphelile, ngoko. Akusekho busuku bude bokuthandaza, akusekho. Ngena nje kweso sitsha, sovuyo isigaba sokuba Phaya, hayi nje unyaka, okanye amashumi amahlanu eminyaka, okanye isigidi seminyaka, kodwa sibePhaya ikhulu leebhiliyoni zeminyaka, asisayi kuba siqalile nokuqala konke konke. Yiyo leyo. Ngoko kutheni singafanele sivuye ngale ntsasa? Kutheni

singamele sivuye? Kutheni le nto singafanele sixhamle kuzo zonke izinto ezinkulu asinike zona uThixo?

<sup>64</sup> Nantsi impiliso eNgcwele. Kwakutheni ukuze umvumbo kaYesu; ukukrazula umfanekiso, athi, “Ayikho into enjalo kuyo”? Wawubetha umzimba Wakhe phaya ezantsi, iimbambo zabonakala, ukuze, “Ngemivumbo Yakhe siphilisiwe.” Masingawukrazuli umfanekiso, ngale ntsasa. MasiYamkele, Yamkele.

<sup>65</sup> Ngoku, mzalwana, kwaye nonke ngabanye ngoku abazakuthandazelwa, ukuba ninokuma nje nijikeleze isibingelelo. Ngelixa umyalezo uphumileyo, kwimizuzu embalwa edlulileyo, ngokutolikwa neelwimi, ukuba siyakubeka izandla phezu kwabagulayo kwaye sibone imisebenzi yamandla kaThixo.

<sup>66</sup> Ngoku, mzalwana wethu, awunyanzelekanga ukuba uphakame, mzalwana, phaya ulele phezu kumandlalo. Sizakuza kuwe.

<sup>67</sup> Kodwa ukuba kukho abanye apha abaza kuthandazelwa, abangathanda ukuma ngasesiguqweni, ngelixa mna nomzalwana sithandaza sibeka izandla phezu kwabagulayo, yiza kanye ngoku. Kwaye khumbula, wamkele la mfanekiso, “Ngemivumbo Yakhe siphilisiwe.”

<sup>68</sup> “Andiyiqondi, Nkosi.” Ngokuqinisekileyo, akuwuqondi. Usesesibelekweni somhlaba okwangoku.

<sup>69</sup> Kodwa Wawenza loo malungiselelo. Kwaye ubengayi kuthabatha...Kwakutheni ukuze atyatyulwe? Ukukrazula nje umfanekiso, okanye ukukrazula ingoma, ukuyilahla? Hayi, mhlekazi. Wabethwa, wangxwelerhwa, wopha, ukuze thina siphilisiwe. Kwaye ngaloo nto, thina, “Imivumbo Yakhe, siphilisiwe,” ngamnye wethu. Ngoku, njengokuba nisiza, nihlanganisana esibingelelweni nithandaza.

<sup>70</sup> Ngoku, okuninzi koku apha kobuvangeli baseMelika obubalaseleyo, kwaye sithethe malunga, “Kufuneka wenze *oku*, wenze *okuya*.”

<sup>71</sup> Kukho into enye endifuna ukunyaniseka ngayo kuwe, sihlobo sam. Into, indlela uThixo aphilisa ngayo, isekwe kwisiseko senkonzo kuYe. Yabona? Kukwisiseko senkonzo kuYe. Kufuneka samnkele impiliso yethu kwisiseko, sokuba, siyakuMkhonza emva kokuba siphilisiwe. Ngoku, iBhayibhile yathi, “Vuma iziphoso omnye komnye. Thandazelanani, ukuze niphilisiwe.” Yabona? Ikwisisekelo, uya kukhonza uThixo. Abaninzi benu apha, mhlawumbi, bakwimeko yokufa, kwaye wena—wena kufuneka ufe ukuba into ethile ayenzeki. Emva koko ndifuna wena, entliziyweni yakho. . .

<sup>72</sup> Ngoku, singakuthambisa nge oli, singakuthandazela, umalusi kunye nam, sithandaze umthandazo wokholo,

senze konke esinako, kodwa ayisayi kwenza nto ude ungene ebudlelaneni noKristu. Yabona? Kufuneka uze kobo budlelwane, ukuba, “Mna, Nkosi . . .”

<sup>73</sup> Ndibona i—i—inenekazi eliselula linyuka linyukela phaya kanye ngoku. Weza apha, kungekudala kwixesha elidlulileyo endlwini, enento efana nethumba, okanye umhlaza wesifo sikaHodgkin. Kwaye ungumWisile, ngokholo. Ndiyakholwa ukuba injalo, akunjalo, dade? Kwaye wayeneqhuma elikhulu ecaleni. Kwaye ngoku nankuya emi, ephilisiwe.

<sup>74</sup> Ndibona uDade Weaver emi apha, wayengomnye weengxaki ezimbi kakhulu zomhlaza endakha ndazibona, kubo bonke ubomi bam. Kwaye into yokuqala endambuza yona, ingaba angabhaptizwa eGameni likaYesu Kristu aze avume izono zakhe. Xana ndamfaka kulamanzi alapha, kwafuneka ndimbambe; wayebhitye kakhulu, iingalo zakhe, izinto nje ezibhityileyo. Kwaye wabhaptizelwa eGameni likaYesu Kristu. Kwaye oko bekuyiminyaka elishumi eyadlulayo, akunjalo, dade? [UDade Weaver uthi, “Hayi. Oko kube kuyiminyaka elishumi elinesithandathu eyadlulayo.”—Mhl.] Kwiminyaka elishumi elinesithandathu eyadlulayo. Iminyaka elishumi elinesithandathu yokuphila, kuba wayekulungele ukuza ethobela. Xana abona bangcono oogqirha apha . . .

<sup>75</sup> Kuba, owakhe ugqirha wandixelela. Xana, ndamxelela—ndamxelela, ndathi, “Uphilisiwe.”

<sup>76</sup> Wathi, “Owu, owu! Uyakufa ngumhlaza, kwiiveki ezimbalwa. Ungakhathazeki ngaloo nto. Uza kube emkile. Kwezinye iiveki ezimbalwa, uya kuba engasekho.” Kwaye sele emnika nje malunga nosuku lokuphila. Kwaye nguye lo, namhlanje, emva kweminyaka elishumi elinesithandathu, emi esiguqweni. Yintoni enye endinoyithetha, ndiphindaphinda, ndiphindaphinde!

<sup>77</sup> Ngoku, uThixo akayenzeli nje loo nto komnye wabantwana Bakhe, aze angayenzeli abanye abantwana. Uyenzela bonke abantwana Bakhe. “Nabani na othandayo unokuza.” Yiyo . . . Umenyelwe kuYe. Ngoku, “Umthandazo wokholo uya kumsindisa lowo ugulayo.” IBhayibhile yatsho oko.

<sup>78</sup> Ngoku—ngoku, ukuba . . .into endifuna ukuba uyenze, kukuvuma ubugwenxa bakho kuThixo, uthi, “Nkosi, ndiphilise.” Ukuba akuzange uguquke, nikelani iintliziyo zenu kuKristu. Kwaye ukuba awuzange ubhaptizwe, emanzini, eGameni likaYesu Kristu, kukho ichibi elisele lilungile. Yabona?

<sup>79</sup> Kwaye eli nenekazi lincinane lingaphaya kwesitrato apha; xa lowa ungakholwayo kubukho bukathixo phaya waguqulwa lilo. Xa lalilele . . . Balithumela ekhaya lisuka eSilvercrest, line-TB, lisifa. Kwaye xana ndehlala phaya, yaze iNkosi yanikeza umbono, yathi, “Liza kuphiliswa.”

<sup>80</sup> Kwaye wadibana nam phaya, ngentsasa elandelayo, uMnu. Andrews, waze wandiphoxa nje. Wathi, “Ithemba lobuxoki elinjeya, phezu kwala mfazi!”

<sup>81</sup> Ndathi, “Mnu. Andrews, ayilothemba lobuxoki. Umfazi ungumKristu. Kwaye xana ekwazi, uyeza ukuze abhaptizwe.”

<sup>82</sup> Kwaye wathi, “Uyafa.” Wathi, “Ndi . . . Wayeza kubuyiselwa njani ekhaya evela eSilvercrest?”

<sup>83</sup> Ndathi, “Mhlekezi, ujonge, u . . . Oko ujonge kuko, ujonge koko ugqirha akutshoyo. Ndjonge oko uThixo akuthethileyo.” Yabona?

<sup>84</sup> Ngoku, ngumahluko nje, into ojonge kuyo. Yabona? Ujonge koko ugqirha akutshoyo, ngokuqinisekileyo uya kufa. Kodwa kufuneka ukhangele koko akuthethileyo uThixo. Lelikabani ilizwi oyakulithabatha?

<sup>85</sup> Kungathini ukuba u-Abraham wayenokuthabatha uluvo lukagqirha okokuba yena enekhulu leminyaka ubudala, kwaye eza kuba nosana ngenkosikazi yakhe, emashumi alithoba? Wayeza kwenza ntoni ke? Yabona? Kutheni, ugqirha ubeya kuthi, “Iphambene indoda.” Ke uThixo wakubalela kuye ebulungiseni, ngokuba wakholwa uThixo. Yabona? Ngoku wena . . .

<sup>86</sup> Kwaye umfazi waphila. Akakukhathalelanga ukubhaptizwa, iGama likaYesu Kristu, ngokuba ndicinga ukuba wayeluhlobo oluthile lomWisile okanye umRhabe. Waqalisa ukugula ngakumbi. Waze weza wathabatha uGrace Weber, owayehlala kanye, okanye, usahlala apho unangoku, intombi yakhe ihlala, ingubo, waze weza apha, wabhaptizelwa eGameni likaYesu Kristu, enomkhuhlane, kuqhambuke izifo zamaqhuma kulo lonke igxalaba lakhe nayo yonke into, enomkhuhlane, ikhulu elinesine. Kwaye wabhaptizelwa kanye apha, eGameni likaYesu Kristu. Kwaye uhlala nje ngaphaya kwestrato ukusuka apha. Mhlawumbi angabe uhleli apha ngoku. Ndibhekabhekile ukuze ndibone ukuba ndiyambona na, kwimizuzu embalwa edlulileyo. Yabona? Ukuthobela, uyabona.

<sup>87</sup> Ayikokujikeleza nje . . . Ndiyahluka nabanye babazalwana bethu, ngokubeka nje izandla *koku*, *okuya*, kunye *nokunye*, ngolo hlobo, nokuthetha uhlobo oluthile lokholo olukhohlisayo luyakuyenza loo nto. Ayiyo lo nto. Umelwe kukuba ube nokholo lwenene, oluqinileyo, lweBhayibhile, lukaMoya oyiNgcwele. Yabona? Akunjalo, ayiyi kuhlala. Ayihlali.

<sup>88</sup> Naso isizathu sokuba ndikwazi ukuyibulela iNkosi kuba Indincedile ukuza kuthi ga ngoku. I—i—iimpiliso ezenzekileyo ibezezenene, ngokuba zakhiwe ngenene phezu ko-ITSHO INKOSI. Yabona? Ngako oko ziya kuma.

<sup>89</sup> Ngoku—ngoku, njengesikolo esincinci seCawe, Bendilinde umzuzu nje, ndithetha nani, bade babe neendawo zabo,



ngokwendawo, ukuze sibe nokuzola ngoku. Sinemizuzu embalwa nje, siyakuthandaza, siqalise ukuthandaza.

<sup>90</sup> Ngoku ndifuna ukuba ngamnye kuni avume izono zakhe kuThixo, kwaye athembise uThixo ukuba uyakuMkhonza kwaye enze yonke into anokuyenza. Kwaye umalusi kunye nam sizakuthandaza, size sibeke izandla phezu kwakho, kwaye uqinisekile ukuba uyakuphiliswa ukuba uyakholwa yiloo nto.

<sup>91</sup> Bangathini abo bantu bahamba ngeentonga, nezithulu, nezimumu, neemfama, ngeCawe ephelileyo, benyuka nje beza eqongeni, balahla intonga yabo yokusimelela; bahamba benyuka ukuza eqongeni, amehlo avuleka, uyazi, ngolwa hlobo? Amakhulu ngokuphindwe ngamakhulu abo! Ndade ndaphelelwa ngamandla kakhulu, baphantse ukundithwala ukundisusa kuloo ndawo, ndimile nje, bona bedlula. Yabona? Umgca onokusuka apha uye kwiSikolo samaBanga aPhakamileyo iJeffersonville, phantse, umngcelele, ukuza ngomgca. Kwaye andazi ukuba kukho omnye wabo, owadlulayo na, kuphela oko kwaphiliswa. Yabona? Ngenxa yokuba beza phezu kwesiseko sokholo lokwenene lobuKristu kwaye bekholwa. Bona . . . Kumele yenzeke.

Ngoku thobani iintloko zenu, nonke, ndincedeni ndibathandazele.

<sup>92</sup> Nkosi Yesu, sizisa kuwe, ngale ntsasa, esi sihlwele simi apha, silindile, sabagulayo, abaxhwalekileyo, abantwana abangcungcuthekiswayo. Bangaphaya kwalo naliphi na ithemba, abaninzi babo, Nkosi, lonyango loogqirha, ngakumbi le ndoda ilele apha kolu mandlalo. Kuyakuba lubabalo Lwakho okanye iyaphuma ehlabathini kwiintsuku ezimbalwa. Kwaye akukho ntandabuzo, kusenokubakho abathile bemi ecaleni kwesiguqo apha, benokuhlaselwa yintliziyo okubalindileyo, nezifo, neenxwaleko eziya kubaqwenga.

<sup>93</sup> Inye kuphela into, Bawo, enokubasindisa, enokubasindisa, kukuba, ukuya ngaphaya kwezimvo ezintlanu zalo mzimba, apho oogqirha baye bazama ngokuthembeka, akukho ntandabuzo, ukusindisa ubomi babo; izifo, umhlaza, i-TB, ingxaki yentliziyo. Kunye nazo zonke iziziba, kunye neetyhubhu, kunye nezinto, kunye—kwaye—kunye neyeza lokulwa iintsholongwane, utshaba luyagxalathelana ukungena, ukuthabatha ubomi babo.

<sup>94</sup> Kwaye ndivakalisile, Nkosi, ndiyakholwa, uluvo Lwakho, kubo. Kwaye ndiyivile indoda ithetha ngeelwimi ngale ntsasa, yaze yanika loo olotoliko, kuyakwenzeka ntoni na namhlanje. Abanye babo bayakuyamkela, Nkosi, ngokuqinisekileyo. Ilungile lo nto. Ndiyayikholelwa.

<sup>95</sup> Kwaye ngoku, njengoko kubhaliwe eBhayibhileni, ukuba uDavide, inkwenkwana engumalusi, wayesalusa iigusha zikayise, phandle emva kwentlango. Kwaye ngenye imini

ingonyama yangena yathabatha elinye lamatakane kayise, yabaleka yemka nalo. Kwaye laa nkwenkwana ingumalusi, inokholo, yintoni eyayinayo ukuza ngokuchasene nale ngonyama? Hayi umpu wokuzingela okanye umpu wale mihla. Kodwa yayinesilingi esincinane, yaze yalandela laa ngonyama. Wayibulala laa ngonyama, wayibuyisa loo gusha. Ibhere yangena yafumana enye; wayilandela ibhere eyayinokumtyumzela emhlabeni. Kodwa akazange acinge ngobukhulu bebhene, okanye amandla engonyama, okanye ukukhawuleza kwayo, nokungabi nasakhono kwakhe ngesilingi.

<sup>96</sup> Kodwa xana wema phambi kokumkani uSawule, wathi, “Umkhonzi wakho ebesalusa izimvu zikayise, kwaza kwafika ingonyama yathabatha enye, yabaleka yaphuma. Ndaza ndayilandela ndayibuyisa imvu.” Wathi, “Kwa loo Thixo wandihlangulayo esandleni, okanye ethupheni lela bhene, okanye emazinyweni engonyama, angamthabatha nalo mFilisti ungalukileyo, amnikele esandleni sam.”

<sup>97</sup> Indlela esazi ngayo ukuba ibali lihamba njani, lokuba wayibulala; wabulala indoda eyayikaninzi, kaninzi ukuphindaphindwa ubukhulu kunokuba yena wayenjalo, kwaye igorha. Indlela eyamkhwanqisa ngayo uSawule, laa kumkani inkulu, enkulu, indoda eligorha, indlela laa nkwenkwana incinci inokuba nokholo olunjalo kwisilingi. Hayi, kungekhona kwisilingi, kodwa kuThixo.

<sup>98</sup> Ngoku, Nkosi, kumi ngakwesi siguqo, kulele apha kolu mandlalo, zizimvu zikaThixo, amatakane amancinane, njengokuba kwakunjalo, kuYe. Ziye zabanjiswa yingonyama ebizwa ngokuba ngumhlaza, ibhere elibizwa ngokuba yiTB, ezinye izifo ezithe zababamba, zabakhahlela ngaphandle, zabaqwenga babe ziziqwenga. Nkosi, ndi—ndiza emva kwazo, ndiphethe isilingi esincinci esibizwa ngokuba ngumthandazo wokholo. Asikho ngako, kodwa ndiyayazi into esiyenzileyo. Kwaye ndiyazi ukuba kusenguThixo omnye. Ndiza emva kwazo, ngale ntsasa, ukuze ndizibuyisele, Nkosi, kumadlelo anomthunzi aluhlaza empilo entle, ezantsi ngasemanzini azolileyo oxolo, kwaye kude nokuxakaniseka kwabo, ukuba bakholelwe kuWe.

<sup>99</sup> Kwaye ndilandela emva kwabo, ndinezikwreqe Owazinikelayo ukuba ndingene. “Umthandazo wokholo uya kuyisindisa imilwelwe, kwaye uThixo abavuse. Ukuba benze nasiphi isono, bosixolelwa;”

<sup>100</sup> Kwaye, Bawo, siyahamba ngoku ukuya kuhlangana notshaba, ukuya kuhlangana nengonyama, ukuhlangana no—nomtyholi kuyo yonke imo akuyo, ebizwa ngokuba ngumhlaza, TB, Umhlazo isifo sikaHodgkin, ingxaki yentliziyo, nasiphi na esinye isifo. Siza ukuba simfumane, size siyibuyisele le mvana kwiNdlu kaThixo kwakhona. EGameni likaYesu Kristu siyahamba, ukuya kusebenzisa esi isilingi osinike sona. Yiba

nathi, Bawo, njengokuba sisondele kuWe ngentlonipho ngoku, eGameni likaYesu.

<sup>101</sup> Ndifuna nigcine iintloko zenu zithotyawe. Kwaye siyeza ukuza kuthambisa nge oli, size sibeke izandla kwabagulayo, kwaye umthandazo wokholo uyakusindisa abagulayo. Wonke umKristu olapha, beka ukholo lwakho kulo mgca wokuthandazela.

[Umgeca wokuthandaza uthatha imizuzu emithathu enesiqingatha, amazwi amaninzi kaMzalwana uBranham awavakali—Mhl.]

EGameni likaYesu Kristu!

EGameni likaYesu Kristu!

IGama likaYesu!

IGama likaYesu Kristu!

IGama likaYesu!

Bawo ndiyamkhalimela umtyholi!...?...?

EGameni likaYesu Kristu!

EGameni likaYesu Kristu!...?...?

EGameni likaYesu Kristu!

Yiza uyikholelwe...?...kwaye iya kwenziwa!...?...?

Nkosi, Wena...?...?

Thixo...?...?

<sup>102</sup> Nkosi, Wena u...Ubhale ithuba. USisizalwana, uKristu!...?...EGameni likaYesu Kristu!

<sup>103</sup> “Umthandazo wokholo uya kumsindisa lowo ugulayo.” Ndifuna Umenzele yona. Mbuyisele kumfazi ophilileyo!...?...?

IGama likaYesu Kristu, mbuyise!

EGameni likaYesu Kristu, mbuyise!...?...?

EGameni likaYesu Kristu, ndibuyisa udade wethu.

EGameni likaYesu Kristu, ndibuyisa umzalwana wam!...?...?

EGameni likaYesu Kristu!...?...?

EGameni likaYesu Kristu!...?...?

EGameni likaYesu Kristu!...?...?

Awuzange wenze njalo. INkosi ikusikelele!

Ndiza emva kwayo, ngale ntsasa!...?...?

<sup>104</sup> EGameni likaYesu Kristu, ndiyakubuyisela, ngomthandazo wokholo, uphume ebukhobokeni!...?...Songeza ukholo lwethu kwaba...?...?

Kholwa kuphela;

Ngentloko zethu zithotyawe ngoku. Ngoku:

Kholwa kuphela, kholwa kuphela,  
 . . . izinto zinokwenzeka, kholwa kuphela.


Owu Nkosi, ndiyakholwa, Owu Nkosi,  
 ndiyakholwa,  
 Zonke izinto zinokwenzeka . . .

Masiphakamise nje izandla zethu ngoku.

. . . Nkosi, ndiyakholwa;  
 Owu Nkosi, ndiyakholwa; Nkosi, ndiyakholwa,  
 Zonke izinto zinokwenzeka, Nkosi,  
 ndiyakholwa.

<sup>105</sup> Bawo wethu waseZulwini, abo babenako ukuphakama, baphakamisa izandla zabo, ukuba bayamkele. Lo mzalwana ubelele elukhukweni, waphakama, ukubonisa ukuba uyamkele impiliso yakhe. Siyakholwa, Nkosi, bahamba ngoxolo bebuyela ngoku kumadlelo aluhlaza anomthunzi, ngasemanzini azolileyo, ukuze baphile kwakhona, eGameni likaYesu. SiKunika umbulelo ngayo. Amen.

<sup>106</sup> Kulungile, Mzalwana Neville, ndizakuhlala apha ndikumamele ushumayela ngoku.

<sup>107</sup> [Ngaphambili kwintshumayelo uMzalwana uBranham ubhekiselele kwi “sihlomelo esincinci” ukuba uMzalwana uThomas R. Nickel, uMhleli weFull Gospel Men’s Voice, obekwe kwiphepha lokuqala lenqaku, elithi: “NGOKUPHATHELELE UMFANEKISO KWIQWEQWE ELINGAPHAMBILI: NgeMihla yeBhayibhile, kwakukho amadoda kaThixo awayengabaprofeti neemboni. Kodwa kuzo zonke iiRekhodi eziNgcwele, akukho namnye kwaba wayenolungiselelo olukhulu kunolo lukaWilliam Branham, umprofeti nemboni kaThixo, omfanekiso wakhe ubonakala kwiqweqwe langaphambili lolu hlelo Lezwi Lamadoda eVangeli Egeweleyo. UBranham uye wasetyenziswa nguThixo, eGameni likaYesu, ukuvusa abafileyo!”—Mhl.] 

61-0305 Ngaphaya Komkhusane Wexesha  
e-Branham Tabernacle  
e-Jeffersonville, e-Indiana U.S.A.

XHOSA

©2024 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

[www.branham.org](http://www.branham.org)